**Ixesha leMviwo lihlehlisiwe kangange veki enye**

Imibuliso emihle kuni basebenzi nakubafundi

Iveki edlulileyo ibinzima kakhulu kwaye imbi kuluntu lweYunivesithi yase Stellenbosch. Besibuhlungu kwaye sinomsindo ngenxa yeziganeko kwikhampasi yethu. Kwakhona, siyakugxeka kakhulu okwenzekileyo e-Huis Marais kwaye sifuna ukuqinisekisa abafundi bethu nabasebenzi ukuba olu hlobo lokuziphatha asinakho ukulunyamezela kwaye asisoze silunyamezele.

Sikwakhathazekile kakhulu ngesityholo sodlwengulo esixelelwe ngaso kwikhampasi yethu. INgqonyela kunye nabalawuli beYunivesithi bayalukugxeka ngamandla naluphina uhlobo lolwaphulo-mthetho kunye nakuphina ukunyhashwa kwamalungelo kubandakanywa kunye nobundlobongela obusekelwe kwisini.

Kuwo onke la matyala, sithabathe amanyathelo akhawulezileyo malunga nokuxhasa amaxhoba, uphando kunye neenkqubo zoluleko.

Ngenxa yezi ziganeko zihlasimlisa umzimba kunye nempembelelo ezinazo kwimpilo yengqondo kunye nemvakalelo yabafundi bethu, ibhunga kulawulo lobuNgqonyela ngothetho-thethwano nobunkokheli beeFakhalthi, kunye nobunkokheli babafundi lifikelele kwisigqibo sokuluhlehlisa uviwo lwesimesta ngesithuba seveki enye. Le nto ithetha ukuba uviwo alusayi kuqala ngoMvulo umhla wama-23 kuMeyi. Uviwo lwesimesta yokuqala, ngoku luya kuqala ngoMvulo umhla wama-30 kuMeyi. Umhla wokugqibela weemvavanyo, ebezinemihla yokugqibela kule veki, nazo ziya kuhlehliswa kangangeveki enye. Amalungiselelo eFakhalthi yaMayeza neNzululwazi yezeMpilo apho kukho iimvume malunga nalo mbandela, nazo zivunyiwe kwaye ziya kwaziswa yiFakhalthi ngokukhawuleza.

Ishedyuli yonke yeemviwo ihlehlisiwe kangangeveki, kwaye ikhefu liya kuqala ngomhla we-4 ku-Julayi. Le nto nangona kunjalo, ayisayi kuchaphazela ukuqala kwesimesta yesibini eqala ngomhla we-18 ku-Julayi.

Ngexesha leengxoxo kunye neeNtloko zeeFakhalthi namaSekela–Ntloko eeFakhalthi okuFunda nokuFundisa kunye neenkokheli zabafundi, izindululo zokwenza uhlenga-hlengiso lweshedyuli yeemviwo, zabekwa etafileni kwaye abolawulo bafikelela kwisigqibo sokugqibela sokuba ukuhlenga-hlengiswa kwexesha lemviwo ngeveki enye luya kunika abafundi kunye nabasebenzi ithuba lokuzilungisa kwezi ziganeko zimbi zeveki ephelileyo.

Iinkokheli zabafundi kunye nobunkokheli beeFakhalthi bamanyene kwisicelo soku libazisa kwaye ibhunga kulawulo lobuNgqonyela likholelwa ekubeni oku kuya kunika bonke abafundi ithuba elihle kakhulu lokufumana impumelelo ngeli xesha leemviwo neemvavanyo.

Siyasiqonda ukuba esi sigqibo asinakufaniswa nezangaphambili, kwaye asithathwanga ngokulula. Siyayazi kwakhona ukuba le nto iyakuba nefuthe lolungiselelo kubafundi nakubasebenzi.

Unxibelelwano oluneenkcukacha ngakumbi ngeshedyuli yoviwo, luya kulandela ngokukhawuleza kwiofisi yeRejistra.

Bafundi nabalingane, siyazingca ngokuba yinxalenye yeyunivesithi ekhawulezayo. Siziqhelanisile ngexesha lobhubhane, kwaye sinakho ukuziqhelanisa kwakhona. Sikholelwa ukuba kukho uvelwano ekulibaziseni ixesha loviwo kwaye sithemba ukuba nani niyasixhasa kwesi sigqibo.

Forward together. Sonke Siya Phambili. Saam vorentoe